basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## FEBRUWARI/MATSHI 2015

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ama-6.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:

   80 emizuzu kwiCANDELO A
   40 emizuzu kwiCANDELO B
   30 emizuzu kwiCANDELO C

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Iilwimi zoMzantsi Afrika. **[50]**

1.2 Xa simanyene singenza umahluko elizweni lethu. **[50]**

1.3 Ubuhle bendalo. **[50]**


1.4 Amaxesha onyaka. **[50]**

1.5 Mhla ndafumana ilungelo lokuvota. **[50]**

1.6 Kufundwa ngamava. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso omnye uze ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Icatshulwe ku-www.1.b.p.blogspot.com]

**[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kwisizalwane sakho osithembileyo ukhalazele ukungathenjwa kwakho ngabazali bakho. **[30]**

2.2 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yeqhawe lasekuhlaleni ocelwe likhaya lalo ukuba uyenze. **[30]**

2.3 **INGXELO**

Bhala ingxelo ngako konke obekusenzeka kumnyhadala womculo weekwayara apho iphume phambili ikwayala yenu yolutsha. **[30]**

2.4 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi komfundi nomdlali weqonga malunga nale khariye. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80.

### UMBUZO 3

3.1 **IFLAYA**


Umzali wakho uza kuvula ishishini lokuthengisa iziselo. Bhala iflaya yokwazisa eli shishini. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Bhala ungeniso kwidayari yakho yeentsuku ezintlanu zokuqala zeholide kaDisemba oza kuyichitha kweyona ndawo uyithandayo eMzantsi Afrika. **[20]**

3.3 **IZALATHISO**

Bhala izalathiso zokwalathisa umntu osuka kwisikhululo seenqwelomoya *iPhaphos* ofuna ukuya kwiKHOMPLEKSI i*PHILIPOS*.




[Icatshulwe kwi-www.philanthropis.org yahlelwa] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**